basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

# ISIKHOKELO SOKUFUNDISA NOKUYILA IZINCOKO NEETEKISI ZONXIBELELWANO

## ISIXHOSA

ULWIMI LWASEKHAYA
ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO
ULWIMI LWESIBINI ELONGEZELELWEYO

AMABANGA 10-12

2010

IZIQULATHO


| UMXHOLO | IPHEPHA |
|---|---|
| 1. I INJONGO YESI SIKHOKHELO | 03 |
| 2. INKQUBO YOKUBHALA | 03 |
| 3. INDIDI ZEZINCOKO | 04 |
| 3.1 Isincoko esibalisayo | 04 |
| 3.2 Isincoko esichazayo | 04 |
| 3.3 Isincoko esidlulisa isimo njengoba sinjalo | 05 |
| 3.4 Isincoko esixoxayo | 05 |
| 3.5 Isincoko esigxeka sincoma | 06 |
| 3.6 Isincoko esicamngcayo | 07 |
| 4. IMIHLATHI EMIDE | 07 |
| 4.1 Ileta yobuhlobo | 07 |
| 4.2 Ileta yoburhulumente neyorhwebo | 10 |
| 4.3 Imemorandam | 11 |
| 4.4 Iajenda nemizuzu yentlanganiso | 13 |
| 4.5 Inkcazo ngobomi bam: iSivi | 14 |
| 4.6 Iinkcazelo ngobomi bomntu ongasekhoyo:obhitshuwari | 15 |
| 4.7 Udliwano-ndlebe | 15 |
| 4.8 Ingxoxo yababini | 17 |
| 4.9 Intetho | 17 |
| 4.10 Ingxelo | 19 |
| 4.11 Inqaku lomhleli | 21 |
| 4.12 Inqaku lemagazini kunye nelephephandaba | 22 |
| 4.13 Inqaku/ikholam yephephandaba | 23 |
| 4.14 Ukuhlalutya uncwadi | 23 |
| 4.1.15 Ibrowutsha | 25 |
| 5. IMIHLATHI EMIFUTSHANE | 27 |
| 5.1 Ingeniso kwidayari | 27 |
| 5.2 Ukubhalwa kweflaya | 28 |
| 5.3 Ukubhalwa kwefeksi | 29 |
| 5.4 Ukubhalwa kwe-imeyile | 29 |
| 5.5 Isibhengezo sentengiso | 30 |
| 5.6 Ipowusta | 31 |
| 5.7 Ikhadi lesimemo | 33 |
| 5.8 Ukukhombisa indlela | 34 |
| 5.9 Imiyalelo | 34 |
| 5.10 Ukuzalisa ifomu | 35 |

## 1 INJONGO YESI SIKHOKHELO

Le ncwadi inika ingcaciso emfutshane ngendlela zokubhala kwaye inika amanqaku nemizekelo engqamene neendidi zezincoko, imihlathi emide nemifutshane. Ukufundiswa kwezi tekisi kuza kuphucula izakhono zokubhala nokunikezela kubafundi.

## 2 INKQUBO YOKUBHALA

Ukubhala nokuyila nelonxibelelwano. Kubalulekile ukunika abafundi ithuba lokuyenza le nkqubo. Kufuneka:

- Bathathe isigqibo ngesihloko, nenjongo yesicatshulwa kunye nabantu abaza kwamkela ulwazi kwisicatshulwa esiza kubhalwa kunye/okanye eza kuyilwa.
- Benze intshayelelo-ngxoxo yezimvo, besebenzisa, umzekelo, iimephu zengqondo, iflowu tshathi noluhlu lwezinto.
- Bakhangele iincwadi nezinye izixhobo zokufunda ezifanelekileyo, bachonge ulwazi olufanelekileyo, baze bahlengahlengise kakuhle izimvo.
- Babonise ngoyilo lokuqala, oluthathela ingqalelo injongo, abantu abamkela ulwazi, isihloko kunye nohlobo lonxibelelaniso/loncwadi.
- Bafunde uyilo lokuqala ngendlela ehluzayo, baze bafumane impendulo kwabanye (abafunda nabo eklasini, utitshala, amalungu osapho).
- Ukumana beyila amathuba ngamathuba ngokwaneleyo, befunda kwakhona abakubhalileyo (beqwalasela impendulo abayifumeneyo), befundela ukulungisa iziphene nokuhlela uyilo.
- Baveze uyilo lokugqibela olwenziwe kakuhle.
- Bacinge, baze bavavanye isiphumo sokugqibela umfundi ngamnye ekwenza oku ezimele, aze aphinde akwenze oku nabanye abafundi afunda nabo, kunye notitshala.
- Banikezele ngesiphumo sokugqibela ngokwabelana nabalingane babo, ootitshala, abazali kunye nabanye abathathi-nxaxheba.

### Qaphela

- Abafundi kufuneka babhale rhoqo. Amaphephandaba apapashwa ntsuku zonke, okanye ngeveki, angahlolwa ngokusesikweni, azizixhobo eziluncedo ekukhuthazeni ukubhala. Abafundi kufuneka basoloko benikwa ithuba lokubhala bekhululekile, kungekho mfuneko yakubahlola.
- Kubhalo olusesikweni kucetyiswa ukuba ootitshala bahlole olo hlobo lobuchule okanye izakhonwana ekusetyenzwa ngazo ngelo xesha laloo nkqubo. Umzekelo, akunyanzelekanga ukuba bonke ubuchule obuvezwa kulwimi kusetyenzwe ngalo ngenyathelo ngalinye lenkqubo, nto leyo eyayisisimo-ngqondo sootitshala ababefundisa ulwimi kudala. Ngenxa yoko, ukujongeka kokubhala, njengento ebubuchule bomfundi, yayingahoyekanga kwaphela, nanjengoko isoloko ifuna ukuhlola okwenziwa ngamandla/nzulu.
- Abalingane kufuneka nabo bafunde ukuhlela umsebenzi wabanye, nanjengoko oku iyenye into ebalulekileyo kwinkqubo yokubhala.
- Umba obalulekileyo kwesi siphumo ngumsebenzi obhalwayo. Kungabelwana kunye nabalingane, ootitshala, isikolo sonke siphela, abazali okanye uluhlu olubanzi lwabathathi-nxaxheba. Umfundi uya kuba nelunda ngumsebenzi osongwe kakuhle wagqitywa.

# 3. IINDIDI ZEZINCOKO

Zintandathu iindidi zezincoko ezikhankanywe ngasezantsi.

## 3.1 ISINCOKO ESIBALISAYO

Kwisincoko esibalisayo kulapho kubaliswa khona ibali okanye kulapho kubaliswa ngesiganeko esadlulayo. Singavelelwa nangayiphina indlela.

### Imizekelo yezihloko

1. Sasinexesha elimnandi kakhulu. Ukutya kwakumnandi, umculo usitsho kamnandi nabantu endandinabo besonwabisa. Ngesiquphe kwavakala inyikima wanga umhlaba uyashukuma. Bhala ngesi siganeko.
2. Elona bali lincamisa umxhelo endakha ndalibaliselwa ngutatomkhulu wam.

### Gqala oku kulandelayo xa ubhala isincoko esibalisayo:

- Ibali kufuneka libe nomxholo obambekayo nokholelekayo nokuba lisekwe kwinto ebuntsomirha.
- Isincoko esibalisayo sidla ngokubhalwa kusetyenziswe ixesha eladlulayo.
- Umhlathi oyintshayelelo kufuneka uyithimbe ingqondo yalowo ufunda isincoko.
- Ibali elililo lisoloko linento elifuna ukuyiphuhlisa.
- Isiphelo esinomdla esingaqhelekanga sinika ibali umqukumbelo wokugqibela.
- Umdla womfundi kufuneka ugcinwe kude kuyokuba sekupheleni. Kufuneka isimbo, izixhobo zobuciko kunye nentshukumo elapha ebalini iqinisekise ukuba umfundi ugcinwa enomdla.
- Ukubalisa okuphumeleleyo kubonakalisa ngokucacileyo iinkcukacha zokuva ezinjengokubona, isandi, incasa, ivumba kunye nezo zinokuviwa ngokuziphatha ngesandla.
- Isincoko esibalisayo sisoloko sinophawu lokuchaza olumandla.

## 3.2 ISINCOKO ESICHAZAYO

Kwisincoko esichazayo, umbhali uchaza umba othile, ngaloo ndlela ezama ukuba umfundi asive, asiqonde isihloko esichazwa kangangoko ngendlela ecace gca. Kungachazwa umntu othile kungenjalo umba othile.

### Imizekelo yezihloko:

1. Kwigumbi lokulindela logqirha wamazinyo. Chaza indlela ova ngayo kwanoluvo lwakho ngeli gumbi.
2. Ubusuku benkqwithelo. Chaza.

Gqala oku kulandelayo xa ubhala isincoko esichazayo:

- Umbhali kufuneka ayile umfanekiso ngokusebenzisa amagama achaza oko kwenzeka kwesi sincoko sichazayo.
- Amagama kwakunye noluvo akhethwa ngocoselelo ukuze kuphunyezwe ifuthe elifunekayo.
- Kungasetyenziswa imifanekiso ntelekelelo yeliso, isandi, incasa kunye nomfanekiso wokubamba into uyichukumisa, kusenzelwa ukunika umfanekiso othe tha waloo nto ichazwayo kwisincoko.
- Izafobe zisetyenziswa zikwimo yazo yentsusa.
- Kufuneka abafundi babe namava ngesihloko. Kunzima kakhulu ukuchaza into ngaphandle kokuba ube nolwazi lwentsusa ngento leyo ayichazayo.

## 3.3 ISINCOKO ESIDLULISA ISIMO NGOBUNJALO BASO/ESIQIQISAYO

Kwisincoko esidlulisa isimo ngobunjalo baso kulapho kunxityelelwana ngezimvo okanye ulwazi ngendlela eyondeleleneyo neqiqayo. Esi sisincoko sezimvo apho umbhali acacisa izimvo okanye anike amanqaku ngendlela emisiweyo. Isincoko esi sisinco esidlulisa isimo ngobunjalo baso esiphandwe kakuhle kakhulu, yaye izimvo zingqinwa ngokunika amanqaku kunye namanani apho kufaneleke khona.

Imizekelo yezihloko

1. Bangaphezu kwamawaka abantu ababulawa kwiingozi zendlela ngeeholide zikaDisemba. Ingapheliswa njani le nyhikityha yokufa kwiindlela zethu?
2. Xoxa ngendlela oya kuyisebenzisa ukuqokelela imali yokwenza itheko lokuthi ndlelantle kubafundi bebanga le-12.

Gqala le miba ilandelayo xa ubhala isincoko esiqiqisisayo:

- Kufuneka ube nolwazi oluphangaleleyo ngesihloko ekufuneka kubhalwe ngaso.
- Uphando oluncomekayo lubalulekile nanjengoko kufuneka ukuba iinkcazelo zixhaswe ngezinto eziyinyani nezinokwenzeka.
- Nanjengoko lowo ufundayo enokungabi nalwazi nakuqonda kuthe ngqo ngesihloko eso, kufuneka umbhali acacise nayiphi na imiba enokungaqheleki.
- Izimvo kufuneka zilungelelaniswe kakuhle ngendlela eyondeleleneyo, zimthathe lowo ufundayo zimsuse koko akwaziyo zimse koko angakwaziyo.
- Isincoko esiqiqisisayo sisoloko ubukhulu becala sibhalwa kwixesha langoku.

## 3.4 ISINCOKO ESIXOXAYO

Kwisincoko esixoxayo umbhali unoluvo okanye imbono ethile, aze ke axoxe ngeenjongo zokukhusela okanye ukuphembelela icala alikhethileyo. Uluvo lombhali kufuneka lucace jikelele. Esi sisincoko apho umbhali anika uluvo lwakhe kuphela ngendlela ezama ukuqinisekisa lowo ufunda isincoko ukuba abelane nabanye ngoluvo lwakhe.

Imizekelo yezihloko:

1. Umabonakude ubulala uyilo. Ingaba uyavumelana nale ngcamango?
2. Ikamva loMzantsi Afrika lixhomekeke kutyalo-mali lwamazwe asemzini. Nika ezakho iingcamango.

Gqala ezi zinto zilandelayo xa ubhala isincoko esixoxayo:

- Qala isincoko ngokwandlala ezakho iimbono ngesihloko ngendlela enika izimvo ezizezakho netsalayo.
- Umbhali kufuneka anike uluhlu lweembono ukuxhasa uluvo, kunye nokuzingqina.
- Umbhali uya kuqwalasela kumanqaku angqinelana OKANYE achasane nenkcazelo.
- Isincoko esixoxayo singanika iimbono zombhali kuphela, izimvo ziya kunikwa ngendlela engqalileyo. Iintlobo ngeentlobo zezixhobo ezibonisa ubuciko, kunye nobugcisa bokucenga, kufuneka busetyenziswe.
- Ulwimi olusetyenziswayo luya kuba lolubonisa uvakalelo, yaye lungaba loluchukumisayo, kodwa kufuneka lungabi nabukrwada.
- Isiphelo sesincoko kufuneka sibe nomdla, sicace  kwaye sinike inkcazelo ekholelekayo ngoluvo lombhali.

## 3.5 ISINCOKO ESIGXEKA SINCOMA

Isincoko esigxeka sincoma sibhalwa ngendlela engabonisi kuqhutywa luluvo lombhali, yaye iinjongo zolu hlobo lwesincoko kukunika omabini amacala engxoxo. Umbhali uthathela ingqalelo iindidi ngeendidi zeemeko zesihloko esixoxwayo, aze anikezele ngezimvo ezingangqinelaniyo ngendlela engakhethi cala. Umbhali angafikelela kwisigqibo esithile ekupheleni kwesincoko, kodwa iingxoxo ezingqinelana okanye esichasene nesihloko kufuneka zibekwe ngendlela ebonisa ukulingana kwezimvo, nangendlela ecazulula ngokucacileyo kwisincoko siphela.

Imizekelo yezihloko

1. Bhala isincoko apho uxoxa ngokulunga nokungalungi kokukhutshwa kwezisu.
2. Abafundi kufuneka bakwazi ukukhetha iincwadi zabo ezabelwe ibanga abakulo. Xoxa ngale nkcazelo ujonge omabini amacala engxoxo.

Gqala ezi zinto zilandelayo xa ubhala isincoko esigxeka sincoma:

- Umbhali kufuneka aqonde, kwakhona akwazi ukucingisisa nokucamngca ngawo omabini amacala engxoxo ngendlela engathathi cala, nangendlela ebonakalisa ulwazi.
- Okubhaliweyo kufuneka kucace, kubonakalise ingqiqo, kwakhona kubhalwe ngendlela engabonakalisi kuqhutywa luluvo lwakhe umbhali.
- Kufuneka kunikwe iinkcazelo ezizolileyo, ezicingisiswe zaxhaswa kakuhle.
- Ithoni kufuneka ingabonakalisi kuchukumiseka, iqinisekise kodwa ibe ingazithobi
- Umbhali angabonisa uluvo lwakhe ekupheleni kwesincoko,  oku kufuneka kwenziwe kwisiphelo sesincoko

## 3.6 ISINCOKO ESICAMNGCAYO

Kwisincoko esicamngcayo umbhali ucamngca ngoluvo, aze anike impendulo kunye novakalelo lwakhe oluchukumisayo. Umbhali angacamngca, umzekelo, ngamaphupha okanye umnqweno.

Imizekelo yezihloko zocamngco*:*

- Le yindlela endiyikhumbula ngayo eyona yona titshala yakhe yandifundisa.
- Nika ezakho izimvo ngobomi, kunye nendlela omabuphilwe ngayo.

Gqala ezi zinto zilandelayo xa ubhala isincoko socamngco:

- Isincoko esicamngcayo siya kuveza iimbono ngendlela eveza iimbono zombhali kuphela.
- Uvakalelo kunye nokuchukumiseka, kudlala indima ephambili.
- Eyona ndawo ingundoqo apha kwisincoko esi ingaba yile inika inkcazo. Ezi nkcazo kufuneka zicace kakuhle yaye zijonge ukuhlaziya iinkumbulo okanye uvakalelo lombhali kumfundi.
- Izimvo/iingcinga/uvakalelo olunikwayo kufuneka luveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka komntu.

# 4. IMIHLATHI EMIDE

Iindidi zeetekisi umlingwa aya kulindeleka ukuba azibhale.

## 4.1 ILETA YOBUHLOBO

Iimpawu
Olu didi lubhalelwa izihlobo, izalamane, abahlobo ngeenjongo ezahlukeneyo.Umbhali uyakwazi ukubhala ngenjongo yokuncokolo nje, ukuyala, ukungxengxeza malunga nezinto abathetha ngazo abo babhalelanayo. Kaloku basenokubhala nje ngenjongo yokumisa usuku lokuya kulobola, ukanti omnye angabhalela nje ukucela uthando okanye abe yinxalenye yeqela elithile elingabahlobo.

Injongo:
Yeyona nto ibalulekileyo kuba ilawula umoya kwakunye nethoni yoko kubhalwayo.

IIthoni:
Ibalulekile kuba yona iqhutywa kwayinjongo kunye nombhalelwa. Umbhali ke kufuneka aqiniseke ukuba ubhalela bani kanye. Umbhali usenokubhalela umsakwabo ecela ukuya kuchitha iiholide ukanti usenokubhalela unina okanye uyise esenza esi sicelo sinye. Umahluko uba kwithoni/ rejista.

Imihlathi:
Khumbula umgca oshiywayo ubonisa ukuqala komba omtsha
Owokuvula
Eyesiqu:
Owokuvala

Iindidi zimbini

- Iileta eziyimbalelwano nje phakathi kwabahlobo nezihlobo. Kwezi kuncokolwa iindaba nje malunga notyelelo, imitshato, iiholide, imibhiyozo, ukucela imali njl.njl. Kwezi akukho mmiselo uthe ngqo womongo.

- Ezinye iileta zobuhlobo kufuneka uhlale nqo emongweni, ungqala nqo kumongo. Umz. xa unqwenelela ubani aphile okanye aphumelele kwiimviwo, xa uvakalisa amazwi ovelwano kobhujelweyo, usomeleza umntu ogulayo okanye osengxakini njl.

Ifomathi / imo

- Idilesi efakwayo yeyombhali. Kufuneka ibhalwe ime kwaye ibhalwe ngesiXhosa. Umhla ubaluleke kakhulu kuba ubeka emxholweni konke okuthethwayo. Umzekelo ukuba umntu ubhala engawuxelanga umhla acele ukuza kuchitha impela-veki uyazi kanjani ukuba le ayicelayo sele idlule okanye iseza? Iziphumlisi zisetyenziswa kuphela kumagama aqhawulweyo.
- Idilesi yomntu obhala ileta, umhla, inyanga nonyaka, ibhalwa emantla ephepha malunga nesiqingatha sephepha.
- Uvumelekile ukuboleka igama esiNgesini xa ubhala idilesi, iinyanga okanye usebenzise iinyanga zentsusa.
- Shiya umgca phakathi kwedilesi nesibuliso (isibuliso sibhalwa ngesiXhosa)
- Akukho ziphumlisi kwidilesi, kwisibuliso nakwisiphelo.
- Kwisibuliso sakho ubhala “endimthandayo” hayi othandekayo.
- Isiphelo sakho sixhomekeke kwisibuliso umz.  Mama endimthandayo Owakho unyana/ntombi.
- Emva kwesibuliso ushiya umgca ubhale umhlathi wakho otshayelelayo, umz. “ndiphilile endingavuya ukuba nawe uphilile” okanye “ndibhala le leta” olu hlobo lubangela ukuba ileta yakho ingabi namdla ife amanqe. Yiqale ngohlobo olunika umdla.
- Kubalulekile ukuba imihlathi yakho yesiqu uyahlule ngokweengcamango ezahlukeneyo.
- Isiphelo seleta yakho sidla ngokubhekisa kwimibuliso okanye iminqweno emihle.

Umzekelo weleta yobuhlobo

PO Box 1345
Middledrift
5685
12 Meyi 2009

Mama endimthandayo

Kuluvuyo kum ukuba ndifumene eli thuba lokubhala le leta, kuba sixakeke ngeyona ndlela kule kota silungiselela iimviwo zesiqingatha sonyaka.

Radebe omhle, ndicela nindivumele notata ngezi holide zobusika ndihambe nomhlobo wam uNosipho ndiye kutyela iholide kokwabo eMonti. Kuza kube kukho iqela elivela eRhawutini eliza kudlala incwadi esiyifundayo ethi Julius Caesar. Loo nto iza kwenza ukuba ndiyiqonde ngakumbi le ncwadi kuba ndiza kubabona ngamehlo ndibeve ngeendlebe abalinganiswa. Ndiyanithembisa ukuba ndakuziphatha kakuhle, andisayi kuniphoxa.

Bulisa kakhulu kutata nakubantakwethu. Ndikuthembile ke Ndlebe ntle zombini, Hlubi, mama wam ukuba akunakundiphoxa.

Sala kakuhle mama wam

Ndiyintombi yakho
Yanga

4.1.1 IILETA ZEMICIMBI/URHWEBO

Khumbula ukuba ithini na injongo yakho yokubhala le leta

- Yintoni ekhokelele ukuba ndibhale le leta?
- Ndincwase kufumana ntoni ngale leta?
- Ndilindele ukufumana ntoni ngale leta?
- Yiyiphi eyona ndlela inokundinceda ndifumane endikufunayo?
- Luluphi ulwazi olubalulekileyo ekufuneka ndinikezele ngalo ukuze ndilungelwe.
  (umzekelo - imihla yeeleta ezinxulumene nale nyewe endikhe ndazifumana okanye ndazibhala, umhla wesibhengezo, imihla ebesikhe sahlangana ngayo, idilesi zeevenkile, amagama abantu abachaphazelekayo kulo mba, neenombolo zereferensi okanye ze-akhawunti.
- Ziziphi izinto endinokuxhasa ngazo eli bango lam?
- Ngawaphi amabango endinawo?

Umhlathi wokuqala

- Lo mhlathi usikhanyisela ngengxaki ekungayo kwanenjongo yakho yokubhala.

Isiqu

- Siba nemihlathi ukusuka kumhlathi omnye ukuya kwemithathu.
- Mayicace, ibeke ibango lakho, uzixhase.
- Umba ngamnye mawube kumhlathi wawo.
- Imihlathi mayihambelane.

Umhlathi wokuvala

- Mawumshiye umbhalelwa ecacelwe gca ngeembono zakho malunga nalo mba uxelwayo.
- Makungabikho bumbolo-mbini buvakalayo.
- Ithoni/irejista yakho mayihambelane nalo mba kubhalwa malunga nawo.
- Sukusebenzisa isigama esintsokothileyo.

4.2 ILETA YOBURHULUMENTE NORHWEBO

Iimpawu

- Ineedilesi ezimbini:eyokuqala yeyombhali weleta ikwingalo yangasekunene kumantla ephepha, eyesibini yeyalo mntu ubhalelwayo ikwingalo yangasekhohlo entla kwesibuliso.
- Entla kwale yesibini idilesi kuvela igama okanye isikhundla salo ubhalelwayo.
- Iidilesi zilandelwa sisibuliso umz Mhlekazi obekekileyo njl njl.
- Isibuliso silandelwa ngumcimbi engawo incwadi leyo, ushwankathelwe waba libinzana elifutshane. Kukho umgca otsityiweyo phakathi kwesibuliso kunye nomcimbi.
- Emva komcimbi kulandela isiqu seleta yakho, naso ke siba nentshayelelo umzimba kunye nomqukumbelo.
- Iphethwa ngelithi, Ozithobileyo, kuze kulandeliswe ngegama kunye nefani yombhali ngezantsi oko kukuthi isiphelo esifanelekileyo sibe negama nefani. phakathi komhlathi wokuqukumbela kunye nesiphelo kubakho umgca otsitywayo.
- Intloko yomcimbi mayibekwe ngamagama atsala umdla.
- Isiqu sakhiwa ngemihlathi.

Umzekelo weleta yaseburhulumenteni

518 Charlotte Street
Sakwe Park
Dutywa
5000
17 Juni 2009

Inqununu
Colosa Senior Secondary School
P.O.Box 289
Dutywa
5000

Mhlekazi obekekileyo

**Isicelo sendawo yokufunda ibanga leshumi – 2009**

Ndingumfana oneminyaka elishumi elinesihlanu, ndicela indawo yokufunda ibanga leshumi kwisikolo sakho kulo nyaka uzayo.

Ndingumfundi webanga lesithoba kwisikolo semfundo ephakamileyo saseMida. Ndenza ezi zifundo zilandelayo isiXhosa ulwimi lwasekhaya, ezeNzululwazi, izibalo, ezobugcisa, ezoLimo, isiNgesi nesiAfrikansi. Ndililungu lequmrhu lengxoxo, ndikwathabatha nenxaxheba kukhuphiswano le ntetho elungisiweyo. Ndithabatha inxaxheba kwibhola ekhatywayo ukanti ndikwayiyo nenjuze.
Ndingavuya kakhulu ukuba isicelo sam sinokwamkeleka.

Ozithobileyo

Namhla Yose

4.3 IMEMORANDAM

Iimpawu

- Iya kubani, ivela kubani?
- Umhla
- Isihloko somcimbi
- Umcimbi

Umzekelo wememorandam

**Iya ku:** G. Nongqula- UNobhala wombutho wabazali, eBhayi
**Ivela ku:** N.T Qongqo –uMncedisi ngezifundo kwiSebelezemfundo, eTinarha
**Umhla:** 10 Julayi 2008
**Isihloko:** Sihamba namaxesha ngenxa yeTeknoloji

Mnumzana

Sileli Sebe sibone kuyimfuneko ukuba sinixhobise ningumbutho wabazali ekuhlaleni, maluga neenguqu esiziphathelwa zizifundo zeteknoloji. Nokhumbula ukuba le mfundo ikhoyo igxininise kakhulu kwiTeknoloji nakwimathematika njengoko ezi zifundo zinamarhiwu aluhlaza kwabasakhulayo. Xa sinixhobisa ngolwazi oluphangaleleyo malunga neTeknoloji singanyathela ezi ngongoma zilandelayo:

**UBUCHULE NOBUCHWEPHESHE BETEKNOLOJI**

Isiphathela ubomi obutsha nobutshintshileyo; apha singabala iiKhompuytha esizithunyelwe ezikolweni; phantse zonke zibenza abantwana bahambelane neenguqu beza kufunda nokusombulula iingxaki ezingabantu abaphila nabo eza kufunda ikwayile Teknolloji ezakubaxhobisa ngobuchwepheshe bokwenza izinto ezinje ngokuzoba iiplani. Kananjalo wonke ubani uxhotyiswa ukuba akwazi ukuzenzela ngokwakhe izinto ezinjengokucofa oomashini ezibhankini xa bezintsalela imali.

**ULWAZI NOKUYIQONDA ITEKNOLOJI**
Kule Teknoloji abantwana baza kuhamba namaxesha njengoko beza kuxhotyiswa ngolwazi ngezinto ezinjengotshintshwano okanye ufakelo lwamalungu omzimba anjengentliziyo, izintso njalo njalo. Kwakhona baxhobiseka ngakumbi abafunda ngobume bezinto ezinye ubunzima, ukuthamba, ubulukhuni, nezinye izinto. Baphuhliswa ngakumbi xa kufuneka bebonakalise ulwazi ngendlela `eziqhubeka ngazo izinto ezinjengokomisa, ukuqinisa ngokwasemkhenkceni, ukupeyinta njalo njalo.

**ITEKNOLOJI IDIBANISA ABANTU NGOKUSINGQONGILEYO**
Ukubonakalisa kuhamba namaxesha iTeknoloji iyawuchaphazela umba wokutshinntsha ngokukhawuleza kuluntu kuba iyasikrobisa kwindlela zokuphila kwakunye nezithethe ngokunjalo.Umzekelo ukuba mandulo imali yayisembelwa emigodini kodwa namhlanje wonke ubani uyawazi umnyango webhanki njengovimba ngenxaye Teknoloji.

Okokugqibela sileli Sebe singathanda ukuwakhupha amaxhala enu ngalobandela weTeknoloji ngokuthi sinazise okuba bonke ootitshala bazakufumana uqeqesho olulodwa kezeTeknoloji ukuze bafundise ngokuzithemba abantwana benu. Asinakulibala ukukhankanya okokuba nabantwana benu balungiselelwe kuba baza kuba neencwadi nezixhobo ezifanele iTeknoloji. Nivumelekile ukuba niliqhakamshele eliSebe nangaphina ixesha xa ninento enifuna ukuyiqonda

Owenu emfundweni

N.T.Qongqo

Omele umphathi sithili kwezemfundo

## 4.4 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO

### Iimpawu

- I-ajenda sisicwangciso senkqubo eza kulandelwa entlanganisweni xa kuxoxwa.
- Kwi-ajenda kubekwa imiba/ izihlokwana ekuza kuxoxwa ngazo.
- Kwimizuzu kunikwa irekhodi ebhaliweyo yoko kwakugqitywe kuko kwintlanganiso esele idlulile.
- Ihambelana nezihlokwana ezikwi-ajenda.
- Ubhala iziphakamiso kunye nezigqibo kuphela.
- Usebenzisa ixesha elidlulileyo xa uyibhala.

### Umzekelo we-ajenda nemizuzu yentlanganiso

I-AJENDA

1. Ukuvula nokwamkelwa
2. Abakhoyo nezingxengxezo
3. Imizuzu nemivuka
4. Imicimbi
   4.1 Ukunyuswa kwemali yenyanga
   4.2 Ukuthengwa kwempahla entsha
5. Umbulelo
6. Ukuvala

IMIZUZU YENTLANGANISO ENGAPHAMBILI

1. Ukuvula nokwamkelwa.
   - Intlanganiso ivulwe ngomthandazo nguMnumzana Mpilo ongusihlalo.
   - Wamkele onke amalungu ewabulela ngokubamba ixesha.
2. Kubizwe abantu abakhoyo / Izingxengxezo. Ebephelele amalungu.

3. Ukufundwa kwemizuzu:
   - Imizuzu ifundiwe nguNkosazana Mlilo yangqinwa yaxhaswa nguMnumzana Ntuli. Usihlalo wentlanganiso uye wayisayina njengesemthethweni.
   - Imivuka ayibangakho
4. Umcimbi wokuqala: Ukunyuswa kwemali yenyanga
   - USihlalo uchaze umcimbi wokunyuswa kwemali nenjongo yawo. Intlanganiso ivumelene ngamxhelo mnye ukuba mayinyuke imali ngeR50 ekhutshwa nyanga zonke.
   - Umcimbi wesibini: Ukuthengwa kwempahla entsha.
   - Kuvunyelwene ngokuthengwa kwempahla entsha eza kungenisela umbutho imali xa kuqeshiswa ngayo.
5. Umbulelo:
   USihlalo ubulele amalungu ngenkxaso yawo engagungqiyo kulo mbutho.
6. Ukuvala
   Intlanganiso ivalwe ngofefe nguSihlalo ngentsimbi yesixhenxe.

Iqulunqwe: Nomsa Ngidi
Nobhala
Umhla:

## 4.5 INKCAZO NGOBOMI BAM (ISIVI)

Iimpawu
- Iinkcukacha ngawe.
- Apho unokufunyanwa khona.
- Imbali yakho.
- Impumelelo ngokwasemfundweni.
- Amava onawo omsebenzi.
- Izinto ozithandayo.
- Abantu abanokunika ulwazi ngawe (abantu abanokungqina/abanokunika ulwazi ngawe/izingqinisiso).

### Umzekelo wenkcazo ngobomi bam: Isivi

IINKCUKACHA NGOLINDA NGEWU

IINKCUKACHA NGAWE

| | |
|---|---|
| IFANI: | Ngewu |
| IGAMA: | Linda |
| IDILESI YASEKHAYA: | Jwara Street<br>Protea North<br>1815 |
| INOMBOLO YOCINGO: | 258 5970 |
| ISINI: | Yindoda |
| INOMBOLO YESAZISI: | 8104285457083 |
| UMHLA WOKUZALWA: | 28 Epreli 1981 |
| ULWIMI LWENKOBE: | IsiXhosa |
| EZINYE IILWIMI: | SiNgesi, IsiAfrikansi |
| IMPILO: | Intle |
| IZINTO OZITHANDAYO: | Ukufunda, Ezemidlalo |
| IPHEPHA-MVUME LOKUQHUBA: | Khowudi 10 |

INKCUKACHA NGEMFUNDO

| | |
|---|---|
| ISIKOLO ESIPHAKAMILEYO: | Adelaide Gymnasium |
| IBANGA: | Matriki |
| UNYAKA: | 1998 |
| IZIFUNDO OZIPASILEYO: | IsiXhosa, Isingesi, Izibalo, Ezenzululwazi, Ubuchwephesha |

IINKCUKACHA NGOMSEBENZI

| | |
|---|---|
| IGAMA LEKAMPANI: | Old Mutual |
| INDAWO OYISEBENZAYO: | Umabhalane |
| OWONA MSEBENZI: | Ukuchwetheza Nokufayilisha |
| UNYAKA: | 2005-2008 |

IZINTO ENDIZITHANDAYO
- Ukuthabatha inxaxheba kwiiprojekthi zasekuhlaleni.
- Intetho kulutsha ngogawulayo
- Umxhasi wokulwa nokuphathwa gadalala kwabafazi nabantwana

ABANOKUNIKA ULWAZI

1. T. Vika: Umongameli Wakwa-Old Mutual
Inombolo Yomnxeba: (011) 577 2600

2.Mfundisi M.Mokoena:
Inombolo Yomnxeba: 076 3378960 (120)

## 4.6 INKCAZELO NGOBOMI BOMNTU ONGASEKHOYO: OBHITSHUWARI

- I-obhitshuwari ngamagqabantshintshi ngobomi bomntu ongasekhoyo. Ngoko ke yazisa ngembali yomntu oswelekileyo.
- Yimbalana enemiba ngomntu lowo ungasekhoyo.
- Iveza umhla wokuzalwa nomnombo wakhe ngokufutshane.
- Amagqabantshintshi ngemfundo apho kukho imfuneko.
- Umsebenzi kamfi, iindawo axelenge kuzo nesikhundla sakhe kwindawo nganye.
- Igalelo lakhe entlalweni nezinto ebenomdla kuzo esaphila.
- Kuchazwa usuku lokubhubha kwakhe kungangenwa nzulu kunobangela.

Umzekelo we-obhitshuwari

NONELELO NATHANIEL (NAPOLEON) FIHLA

UNonelelo Nathaniel Fihla walibona ilanga ngomhla we-13 Matshi 1968. Uzalwa ngutata uMthengeli nomama uNosisa, ezalelwa kwilali yaseCildara eXesi. Ulizibulo kubantwana bakowabo abathathu, nguye, namantombazana amabini.

Ungene isikolo eselula kakhulu kuba wayehamba notata wakhe owayeyinqununu kwisikolo saseCildara Primary. Uphumelele ibanga lesine ngonyaka we-1975 waza wagqithela kwisikolo saseKama apho afunde khona ibanga lesihlanu ukuya kwelesithandathu.

Uphandlwe yintombi esomi yakwaMashiya eyayifundisa kwakwesi sikolo, kanti iza kuba yinto ngobunto bayo le nto.

Balizwe ngamantombazana amabini.

Ukhale ngentloko kwiveki ephelileyo, waza wathi singalindelanga savakala isithonga sokuwa komthi omkhulu usiya kwelo khaya lokuphumla ngomhla wama 23 Febhruwari 2009. Ubhubhe eneminyaka engama-41. Sithi lala ngoxolo Ntshiza, Gubha, MaNgqashe, umzamo omhle uwuzamile. Ushiya inkosikazi yakhe, kunye nabantwana bakhe ababini.

## 4.7 UDLIWANO-NDLEBE

Qaphela:

- Udliwano-ndlebe yingxoxo elungiselelweyo phakathi kwabantu ababini.
- Umntu obuzwayo uphendula imibuzo ngokunjalo unika ulwazi olulindelekileyo.
- Umntu omnye usenokubuzwa imibuzo yiphaneli.
- Indlela yokulubhala kukubhala umbuzo olandelwa yimpendulo.
- Qala kumgca osekhohlo ubhale igama lesithethi lilandelwe yikholon.
- Njengakuzo zonke iingxoxo kwintetho-ngqo awuzifaki iimpawu zocaphulo.
- Usebenzisa umntu wokuqa umz. Ndi…..
- Kwintshayelelo obuza imibuzo unika imvelaphi yomntu ambuzayo.
- Kwisiqu obuzayo ubuza imibuzo esemxholweni emalunga nesihloko nobuzwayo uphendula okubuzwayo.

## Imibuzo neempendulo

- Obuzayo makabonise ulwazi oluphangaleleyo.
- Imibuzo mayihlelwe ngendlela ukuze kufunyanwe ulwazi olufanelekileyo nolulindelekileyo kulowo ubuzwayo.
- Imibuzo inganxibelelana nengaphambili.
- Iimpendulo mazicacisa ngokwaneleyo zinike izimvo neengongoma ezifanelekileyo.
- Ithoni nolwimi luxhomekeke kubudlelwana phakathi kwezithethi nomba okuxoxwa ngawo.
- Imibuzo neempendulo makube ngathi iyazizela.
- Ulwimi oluntsokothileyo lwamkelekile.

### Umzekelo wodliwano-ndlebe

Udliwano-ndlebe oluphakathi komzali okhulisa abantwana eyedwa nomfundi oqulunqa iphephandaba lesikolo.

Zola: Ndiyabulisa mama, ndiyakwamkela apha esikolweni ndibulela ngokuthi uvume ukuba senze nawe udliwano-ndlebe.
Mama: Ndiyabulisa nam mntwanam, ndinovuyo ukwabelana nawe ngamava endinawo.

Zola:Le ncoko ingendlela okhulise ngayo abantwana bakho uwedwa. Khawuthi gqaba-gqaba, ukuba yintoni ebangela oomama bashiywe bodwa emakhaya?
Mama: Mntwanam, zininzi izizathu; kuba nzima xa ungazilungiselelanga, ukwenza izigqibo ezingezizo, ukufa, ukwahlukana, ukulahlwa ngulowo ubumthembile nokungabi nazigqibo kwabo basenyongweni.

Zola: Futhe lini elithi lichaphazele aba bantwana xa bekhuliswa ngumama yedwa?
Mama: Kukho amaxesha apho isithuba somntu oyindoda sithi sibonakale. Kuhla isidima sekhaya ngenxa yokuba uluntu luthi ze luwuhloniphe ngokupheleleyo umzi ube nendoda. Utata ubonakala njengentsika nomkhuseli wekhaya, xa engekho kuba nzima ukuba umama alikhusele kwabanye ootata. Kwakhona abantwana abangamadodana ababi namntu wokufunda ubomi ukuze balandele ekhondweni lakhe.

Zola:Ngxaki zini abathi oomama badibane nazo?
Mama: Kukumelana noxanduva lokuzisa imali uwedwa, uthando ekufuneka ulunike lo mntwana ungenamncedisi, ukungabi namkhuseli namcebisi.

Zola:Zinto zini oye uzenze ukuze zingakuchaphazeli ezi zinto uzithethe ngaphambili?
Mama: Kukucwangcwisa ngendlela eyiyo, ukuqesha ukulungiselela xa ndingekho ekhaya, ukucela namanye amalungu asekhaya, umzekelo oodade nabantakwethu ukuba bancedise ekuqeqesheni, ukufunda neendlela zokuqeqesha, ukujoyina imibutho ecebisa oomama, njalo-njalo.

Zola:Uyaqwalasela na ukuba luyanda olu hlobo losapho kule mihla? Ucinga ukuba yintoni ebangela loo nto?
Mama: Kukungabi nazakhono zobomi kulutsha ukuze bazale phambi kwexesha, ukukwazi ukuzimela kolutsha olubhinqileyo baze babone ukuba abadingi mntu oyindoda ngenxa yezinto abazibukele zisenziwa ngaboe. Esi sifo singubhubhane naso silandisile inani lamakhaya anoomama kuphela nefuthe laseNtshona.

Zola:Mmh! Mama, watsho kwavokotheka. Umbuzo wokugqibela ngowokuba ucinga ukuba usapho olukhula ngolu hlobo lunganempumelelo?
Mama: Ngokuqinisekileyo, into ephambili kukuyazi imeko okuyo uze uyilungiselele kwangaphambili, ukuwugoba umthi wakho uselula, ukuzisondeza kumalungu osapho lwakho, nokuthetha ngendlela nabantwana bakho, nokuba ngumzekelo kubo nokuthembela kuYehova.

Zola: Siyabulela kakhulu, mama, ngokusiphokozela ulwazi olusikhulisa ngokwasengqondweni, siyonwabele incoko yakho. Enkosi.

## 4.8 INGXOXO YABABINI

Qaphela la manqaku:

- Kuphendulwa okubuziwe ngaphambili.
- Kusetyenziswa intetho-ngqo ngaphandle kweempawu zocaphulo.
- Isithethi sibhalwa ngasekhohlo ephepheni, zesilandelwe yikholon[:].
- Ingcaciso engenye ibhalwa ezigweqeni (    ).
- Ithoni nerejista zixhomekeke kubuhlobo bezithethi kunye nesihloko abathetha ngaso.
- Shiya umgca ongabhalwanga phakathi kwezithethi.

Umzekelo  wegxoxo yababini

Funeka: Huntshu! Mntanasekhaya! Izele thole lini Zan?
Zanele:  Wethu! Kufuneka ndihlabe ndihlabe ndikhandele hleze kuthi kanti ndizibindisa ngenyo'ephunga umhluzi.
Funeka: Zifake iinzipho zitshone nophoyiyana uyaqhuqhwa abe nguchwenene.
Zanele: Funeka, my sister, ndalamile, ndixakwe nje yonto yokuba lo mfo ngunomgcana, ndingathandi ukuba makaqhelane nokunxanwa.
Funeka: Kulunge kanye oonomgcana abo kanye. Akuqondi?
Zanele: Njani?
Funeka: Bona sebeqhele ukubotshelelwa esingeni. Kulula ke ukungena kwabo edyokhweni kunokuleqana nabangaphenjelwayo. Qond'apha dade, ukuba lo mfo akanxanwa ligqolo elo. Oonxanwayo ngoonxanwayo ngootiki-ziyavuza, iindlezana sana. Buza kum.
Zanele: Andithandi ukujongana nesikhuni bendisifaka phantsi kwembiza.
Funeka: Sele ubambise kade, sondeza intambo ibe mfutshane. Kuqhuba iindibano neempela-veki ukususela ngoku. Ungaxakeki sana lwam.
Zanele: Uthetha kamnandi sisi wam, kodwa iindidi zeentlanzi azibanjiswa ngomnathi omnye.
Funeka: Iinkobe zivithiswa kukukhwezela ukuze zinganyeli.
Zanele: Hayi wethu undoyisile. Kambe ukuthetha kucutha amaqatha.
Funeka: Unyanisile. Amanqam, ndikhaphe siye evenkileni.
( Baphume)

Ithathwe kwincwadi Ndiyekeni: D.M.Jongilanga

## 4.9 INTETHO

Qaphela oku phambi naxa ubhala/usenza intetho

- Njani? Uza kuthetha njani, wonwabile okanye ukhathazekile.
- NINI? Uza kuthetha nini? Usithethi semini? Emva kwesidlo sakusasa, emini, emalanga okanye ebusuku.
- PHI? Ecaweni, emtshatweni, esikolweni, elalini, kwilontshi.njl.njl. uthetha eholweni ebaleni lebhola.
- Yintoni injongo yetheko/into oza kuthetha kuyo? Umenyelwe ukuba uzokuthetha ngantoni?
- NGUBANI OZA KUBA ELAPHO? Bangaphi, bancinci, badala, ngoomama, ngootata, njl njl.

## Umzekelo wentetho

Intetho kaMongameli Thabo Mbeki yoBume beSizwe yomhla we-9 kuFebruwari 2007, i "State of the Nation Address."

Somlomo obekekileyo kunye neSekela lakho;

Malungu eNdlu yowiso- mthetho kunye nabaThunywa beNdlu yeBhunga yeSizwe yePhondo abekekileyo

Iindwendwe zethu nabantu ngokubanzi

Ndiyavuya ukuxela ukuba ngokubhekiselele kwesinye nesinye sezi zibophelelo, urhulumente uthe gqolo ukusebenza nzima ukuqinisekisa ukuba iinjongo zesizwe ziyafezekiswa.

Ngomlinganiselo ongaphezu kwe-4,5%, isantya sokunyuka kuqoqosho lwethu kule minyaka mibini inesiqingatha igqithileyo sifikelele kowona mgangatho uphezulu okoko safumana ulawulo lwethu lwentando yesininzi ngo-1994. Utyalo-mali kuqoqosho, olwenziwa zizo zozibini izigaba zikawonke-wonke nezisecaleni belusoloko lunyuka kangange-11%, lo gama inkcitho-mali iyonke eyenziwe kwiziseko zesigaba sikawonke-wonke inyuka ngomlinganiselo we-15, 8% ngonyaka. Namhlanje, utyalo-mali oluqingqiweyo njengobungakanani ekhulwini beMveliso iyonke yasekhaya (GDP.)-malunga ne-18.4% lukuwona mgangatho uphezulu ukusuka ngo-1991.

Inani labantu abaqeshiweyo liye linyuka kangangesiqingatha sesigidi ngonyaka kwiminyaka

Sibone inkqubela ethe chu ekuphuculweni kwamathuba abantu abaNtsundu kuqoqosho. Ukusuka ekubeni ngabanini bokungaphezulwana nje kwe-3% bemalike yotyalo-mali ye JSE ngo-2004, oku kunyuke phantse kufike ku-5%; yaye nokumelwa kwabantu abaNtsundu kwinqanaba eliphezulu lolawulo kukhule ukusuka kuma-24% olu lawulo lulonke, lwaya kuma-27%. Kodwa kunjalo, kufuneka sihlale sikhumbula ukuba la manani asemancinane ngokungathethekiyo.

Imitsi kwimeko yoqoqosho ibeke imingeni emikhulu ngolona hlobo phambi kwethu. Ukwanda okukhulu okungabuyi mva kwiimfuno zabathengi kubonisa ukukhula okuncomekayo kumanqanaba empilo engcono kuluntu lonke jikelele; yaye nezona projekthi zeziseko ezingoondoqo esiphezu kwazo zinyanzelisa amagalelo amakhulu ezibonelelo noomatshini bokwenza.

Kodwa isiphumo sokuzinikela nokwamkela kurhwebo lwamazwe-ngamazwe sibonisa ukuba asiphumelelanga ukwakha ikhonolokuvelisa iimpahla eziphambili nezo esezilungele ukusetyenziswaeziyimfuneko elizweni lethu

Esi sicatshulwa sithatyathwe kwintetho kaMongameli Thabo Mbeki I “State of the Nation Address” yomhla we-9 Februwari 2007, iphepha 5. Iguqulelwe esiXhoseni

## 4.10 INGXELO

### Qaphela

- Ingxelo yingcaciso okanye isishwankathelo esibhaliweyo saza salungiswa ngendlela equphayo.
- Ingxelo inokuba yephandayo okanye eboniweyo.
- Injongo yengxelo kukwabelana ngolwazi.
- Iingongoma ekuthethwa ngazo mazinike abaphulaphuli ulwazi.
- Ukuze kube kulula ukuyiqonda into ekuthethwa ngayo imiba mayibhalwe ngokweengongoma.
- Ithoni yoxhomekeka kuhlobo lwengxelo.
- Makucace gca ukuba kuthethwa ngantoni kwaphaya kwisihloko sakho
- Kusetyenziswa ingxelo-ntetho.
- Izihlokwana zamkelekile kakhulu.
- Ungazinika iinombolo ukuze kube lula ukwenza unxibelelwano (umz- kumba we-5).
- Mayibe nombhali wayo onegama aze ayisayine.
- Mayibe nomhla ebhalwe yasayinwa ngawo.

Umzekelo wengxelo

**Ingxelo ngohambelo lwabafundi kwiNkampu zakwaNoddys eNtshona Koloni**

**Umhla:** 10 kweyoMdumba ukuya kwi-10 kweyeNkanga 2006
Abafundi abangama-26 besikolo iDulwich semfundo ephakamileyo
Ibhalelwa: uMnu Senge (inqununu yesikolo)

**Izithuthi**
Izithuthi esizisebenzisileyo bezikumgangatho ophezulu kakhulu uncumisa.
Kukhethweiinqwelo zodidi lakwaNokutsho ezinoomabonakude. Beziwulungele
kakhulu umsebenzi wazo ebeziwukhethelwe.

**Iindawo zokulala**
Silele kwiibhedi ezikhweleneyo zabantwana kodwa kunjalo ubuncumisa umgangatho, zicocekile kwakunye neengubo zazo. Amagumbi ngokunjalo nawo ebecocekile.

**Iindawo zokutyela nokutya**
Umgangatho wokutya nawo ubuncumisa nangona bekhe bakhamnqa kakhulu abasezilalini abaqhele ukutya amanqina enkukhu xa bebebekelwe izinqe namathanga enkukhu edibene kwipleyiti enye kumntu ngamnye. Ubungenakubona nesizukulwana sephela kwiindawo zokutyela ngangendlela ebekucoceke ngayo. Kowu, banenkathalo abantu bomzi esilaliswe kuwo!

**Iindlela zokuzonwabisa**
Sinikwe iihagu esingaziqhelanga kwathiwa mayibe ngamaqegu ethu. Ithe noko ibisoyikeka kuqala le meko kodwa yagqibela sele isonwabisa wonke ubani.

**Ukhuseleko**
Kwekhu sizoyikile ke izilwanyana zasendle ezifuywe apha sanga asingelali sigadile, kanti ziyavalelwa kwiindawo zazo ngorhatya zingabi nako nokusondela kwindawo ekulalwa kuzo. Akukho namnye umntu olahlekelweyo. Umfundi obelibele ifowni yakhe ephathwayo kwizindlu zangasese uyinikwe kwangoko.

**Iingcebiso**
Kwekhu! Hayi ubuhle behambo yethu sivana neetitshala zethu singa singaphinda silinikwe kwakhona ithuba lokuhamba nabo. Siphinde sinikwe indawo enjeya ngobubele.
Ibhalwe ngu: Zonke Ziyalima
Umhla: 22 eyeNkanga 2009

Omnye umzekelo wengxelo

ISIHLOKO: Inkomfa yabameli bamagqirha, oogqirha noMpathiswa wezeMpilo.

UMCIMBI: Ukudityaniswa kwamagqirha kwiSebe lezeMpilo
INDAWO: Kwisakhiwo seNkomfa iSinolwazi, eRhawutini.
ABANTU ABEBEKHO: UMphathiswa wezeMpilo, abameli boogqirha nabameli bamagqirha.
UMHLA: 18 Matshi 2007

UMQULUNQI: Mathandekhitshini, uMmeli wamagqirha
Inkomfa iqale ngentsimbi yethoba kusasa. Kuchatshazelwe imicimbi ngemicimbi eyahlukeneyo. Kumanyelwe izikhalazo zamagqirha, kweziwa namacebo okusombulula ezo zikhalazo.

ISIKHALAZO SAMAGQIRHA:
Amagqirha awavunyelwa ukuba anyangele ezibhedlele okanye ezikliniki izigulane zawo. Oku akubona njengokunyhashwa kwamalungelo awo.

IZIPHAKAMISO
Kugqitywe ekubeni amagqirha mawaseke umbutho ukuze ube ngumlomo wawo. Kwavunyelwana ngokuba amagqirha aza kuvulelwa icandelo lawo ezikliniki apho aya kunikwa amagumbi okuxilongela abantu babo. Ivaliwe inkomfa
Amagqirha abuye evuya ukuba likhona ithemba lokuba nabo baza kwaziwa, banikwe indawo yabo nguRhulumente.

Iqulunqwe nguMathandekhitshini

4.11 INQAKU LOMHLELI

Qaphela:

- Inqaku lomhleli lenzelwe ukuhlalutya okanye ukunika uluvo ngomba osematheni okanye ukucela umngeni kubalesi nokuvuselela ingxoxo.
- Isihloko masitsale iliso lomlesi/ lomfundi.
- Umhlathi wentshayelelo okunika imvelaphi ukwanika indlela umhleli awubona ngayo lo mba.
- Isiqu sikunika izizathu nokuxhasa iimbono zomhleli.
- Umgangatho wolwimi uxhomekeke kubalesi/ kubafundi.
- Ukwakhiwa kwezivakalisi uyakohluka.
- Ithoni yenondiliseko.
- Izihlanganisi ezithile ziyathanda ukusetyenziswa ezifana no-okokuqala, okokugqibela.

Umzekelo wenqaku lomhleli

| | | |
|---|---|---|
| UTYELELO LUKAHILARY E-AFRIKA<br><br>UNobhala Wesizwe waseMelika uNkosikazi Hilary Clinton uza kutyelela amazwe asixhenxe ase-Afrika: UMzantsi Afrika, Kenya, Democratic Republic of the Congo, Nigeria, Liberia kunye nelizwe laseCape Verde. Kolu tyelelo uza kudibana noMongameli waseSomalia eKenya.<br><br>Utyelelo lukaHilary olungaxeshanye notyelelo lukaBarack Obama e-Afrika bubungqina besithembisa sikaObama sokubeka i-Afrika phambili kuluhlu lwezinto ezibalulekileyo. Eli linyathelo elihle nekuthenjwa ukuba liza kuqhubeka iminyaka. UObama ukhethe ukutyelela iGhana kuqala kunokuqala ngeKenya izwe elo uyise wazalelwa kulo. Umyalezo kaClinton uthande ukuba mbaxa; myalezo ogxininisa i-Afrika njengelizwe elinamathuba amaninzi. . | Lo myalezo uthande ukwahluka ngokwamazwe awatyelelayo. Umyalezo uxhomekeke kwimeko yelizwe akulo ngelo xesha. Amanye ala mazwe asakhasa, amanye aphuma kwiimfazwe zobukhaya, yiyo lo nto ingathandabuzekiyo ukuba olu tyelelo kukuzama ukubuyisela uxolo nenzolo kumazwe abantu bawo bajongene ngezikhondo zamehlo<br><br>EMzantsi Afrika uClinton ulindeleke ukuba alungise ubudlelwana obabungemnandi ngenxa yoMongameli wangaphambili uMnu Bush. Kuza kubakho ukuphuculwa kob uhlobo ehlabathini jikelele kusukwa kwindlela uBush ebesenza ngayo izinto enguzwl lakhe. UObama ngumntu wedemokhrasi ofuna kumanyelwe izimvo zomntu wonke, nto leyo eyakwamkelwa ngazo zozibini yiPretoria. | Masingalindeli ukuba iPretoria iya kuvumelana ngayo yonke imiba. UMzantsi Afrika neMelika zibambe izikhundla ezahlukileyo kwihlabathi nakwimiba eyahlukileyo. Akukho namathandabuzo iMelika noMzantsi Afrika aziyi kubona ngasonye kumba waseZimbabwe neSudan. Nangona kunjalo la mazwe mabini anezinto ezininzi azidibanisayo nezifanayo. Utyelelo lukaClinton luya kuab luncedo ekuqaqambiseni ezo zinto<br><br>Ngu : |

## 4.12 INQAKU LEMAGAZINI NEPHEPHANDABA

Qaphela:

- Ukuze utsala umdla womlesi, inqaku malibe lelinika ulwazi lusithi ndifunde.
- Isihloko masibe sifutshane sitsale umxhelo.
- Kulula ukufunda inqaku lahlulwe ngokwezintlu.
- Ubhalo malulungelelaniswe lahlulwe ngokwemihlathi kubekho intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Umbhali makakhankanywe.
- Ithoni, isitayile nesihloko sixhomekeke kuhlobo lwenqaku, abantu ababhalelwa nakumbhali.
- Amanqaku adla ngokuchaphazela izinto ezifana nezoluntu, ezopolitiko, ezenkcubeko njalo njalo.
- Ithoni iya kuveza okucingwa ngumbhali.

Umzekelo:Inqaku lemagazini

| ISINQANDAMATHE SILITSHISILE ITYOTYOMBE | | |
|---|---|---|
| Umfazi ominyaka ingama-23 uye watsha kanobomi emva kokuba ityotyombe lakhe lintunyekwe ngomlilo sisinqandamathe sakhe emva kokuxabana kwabo. Ivumba lokutsha, ubumpahlana obutshileyo nesitya sokuhlambela kuphela kwezinto eziseleyo kweli tyotyombe emva kwamalangatye angolwesiHlanu ngentsimbi yesithandathu ekuseni. URachael Van Schalkwyk ebexheleke emoyeni akukhumbula ukuba udade wabo ebevaleleke kuloo malangatye.<br><br>"Indoda ithile ikwazile ukophula amacangci etyotyombe ngomhlakulo yazenza idini yangena kuloo malangatye ayelephuza ngokungenalusizi.Umnyango wawuvalwe mba. Udade wethu waxhuma wagqotsa ukuza kum. Ndambona kwantlandlolo ndathatha ibhatyi endandiyinxibile ndamcima ngayo. Utshe kakhulu nasebusweni unezilonda. Isinqandamathe sakhe naso sabaleka sinezilonda zokutsha entloko nasezingalweni" | Abekhaya bathi obu buhlobo sekungamatyeli amaninzi buchithwa. Esi sibini kungona sisanda kubuyelana. Isithethi samapolisa uSergio De Kock uthe abekhaya nabamelwane bancedisana ukucima loo mlilo basindisa eso sibini phambi kokufika kwezicima-mlilo. Esi sibini sisiwe eKimberley Hospital Complex apho bathe banyangelwa ukutsha ezandleni, ebusweni nasemilenzeni. Bobabini bakwimeko encumisayo. Kubekwe amapolisa esibhedlele ukuba agade indoda eminyaka ingama-27.<br><br>UDe Kock uthe le ndoda ibanjwe ngamapolisa asemoyeni ngentsimbi yesibhozo ekuseni. ngonobangela walo mlilo. Iziphumo ziya kuthunyelwa kubacuphi.<br><br>Umrhanelwa uza kuvela kwinkundla kamantyi eKimberley kungentsuku zatywala. UDe Kock wongeze ngelithi, amapolisa ecandelo lezinja enza uphando | USophie Van Schalkwyk ebekhathazekile kuba intombi yakhe iya kuphuma esibhedlele ingenakhaya. Iingubo zakhe nezinye izinto zomandlalo asazibhatalayo zonke zitshe kuloo mlilo. Uthi ubulela uThixo kuba umzukulwane wakhe wayengalelanga nabazali bakhe ngolwesiHlanu. Icawa yamaDatshi, Amapolisa newomen's Network zinikezele ngokutya nempahla yokunxiba.<br><br>DFA: Mvulo Agasti 3 2009 |

## 4.13 INQAKU/ IKHOLAM YEPHEPHANDABA

Qaphela:

- Inqaku /Ikholam efumaneka kumaphephandaba/imagazini, esoloko ibhalwa ngumntu/ngabantu abathile evela rhoqo malunga nento ethile, umz Fred Khumalo weSunday Times, uAlan Hawkins weEastern Cape Today, uLucky Mazibuko weSowetan njl njl.
- Ubhala nangayiphi na into onomdla kuyo neza kudala umdla wabafundi.

Umzekelo wenqaku

### KODE KUBE NINI SILINDE IZITHEMBISO EZINGAZALISEKISWAYO?

Abahlali badikiwe yeyokosa ngathi batye inyama yehagu zizithembiso zomlomo ezenziwa esidlangalaleni zinkokheli zopolitiko ezingazalisekiswayo. Ucinga ukuba kwakuze kubekho utshintsho kwiziphumo zebanga leshumi eMpuma Koloni? Kukangaphi ufunda emaphepheni ngokusilela kwesebe lezezindlu kweli loMzantsi Afrika ekuphuhliseni isimo sentlalo? Umbane wona lo unyuka imihla nezolo phofu indawo ezininzi azikabi nawo siwulibalelani? Le mali ingaka inikwa abantwana bethu, ibakhuthaza ukuba mababengathi bayazala endaweni yokufunda bazisebenzele, uyithini? Kudala sijonge enkalweni akukho tshintsho, sisathenjiswa imihla nezolo. Intetho ethi "ukuthetha ayisikokwenza" ithi tha enhqondweni yam qho xa ndibhala inqaku. Masilibale ngoJacob Maronga weEskom owamnkela izigidi ezihlanu ngonyaka, ze anyuselwe umvuzo ngamashumi ababini anesihlanu epesenti.Uthini ngesiqebheyi nesiqendu saseLand Bank apho izigidi ngezigidi zemali zokuphuhlisa abalimi zehle ngomlenze?. "Kungaqhuma kubasiwe" le misadulo noqhankqalazo olwenziwa ngabahlali ithi badikwe yeyokosa, bathi maxhalanga sidleni, ingase yehle eyehlayo yenyuke eyenyukayo, kwanele zizithembiso zomlomo. Kanti kwakude kube nini silinde iinkonzo zokuphuhlisa impilo yabahlali?

## 4.14 UKUHLALUTYA UNCWADI

Isigxeko-ncomo sencwadi

- Sinika uluvo lomphendli ngencwadi/ngomdlalo/ ngomzi wokutya ekujoliswe kuwo
- Sinika ulwazi lwencwadi ngelixa kanye sibhalelwe ukunika uluvo
- Siyashwankathela-ukuba yincwadi sithathwa sifakwe ebalini ngeziganeko ezilandelelanayo, kucalulwe umlinganiswa ngamnye kwababalulekileyo ngamagama ambalwa.
- Siyabhalwa ukuze sinike isigxeko ncomo ngencwadi efundiweyo, umdlalo obubukelwe, umzi wezityo obutyelele kuwo, umzi ubulaliswe kuwo njalo njalo

- Kufuneka umbhali walo msebenzi abonakalise ukunyaniseka
- Kufuneka abonakalise ukuyazi kakhulu le nto kuthethwa ngayo
- Kuyafuneka ke ukuba kubalulwe ukuba ngoobani abantu abafanele kusebenzisa le ncwadi nezizathu zoko.
- Umsebenzi wayo kukuncedisa ekuthatheni izigqibo zokuba uthenge na, uye na kumzi wemidlalo yeqonga njalo njalo okt iyabancedisa abathengisi ekuthengiseni izinto zabo.
- Uvumelekile umbhali ukuba acaphule nalapha kumxholo eyona nto inokwenza umtsalane kubantu. Umzekelo kula mzi wokutya omntu angacaphula amazwi abantu abazisa ukutya okanye amazwi abantu obavileyo bethetha besitya oku kutya.

Okubalulekileyo ngolu bhalo

- Nika ezi nkcukacha: igama lencwadi, umbhali, isihloko sencwadi, umpapashi, kwakunye nexabiso layo.
- Ungaze uxele ncam okwenzekileyo; kufihle koko yenza lowo ufundayo abe nomdla wokuya, wokuthenga/ wokubukela.
- Umbhali ngamnye ubhala ngovakalelo lwakhe malunga nencwadi olungaphikisekiyo nakubani na omakishayo.
- Gqiba ukuba ifanele oobani le nto ubhala ngayo ungabhali nje.
- Qiniseka ukuba uya bhala isimbo sokubhala-ukuba yincwadi ukuba yifilim xela ukuba luluphi na udidi; indlela abakhiwa ngayo abadlali/abalinganiswa, umoya, isimo sentlalo esiphembelela izinto ukuba zenzeke kwakunye nodidi lobhalo.
- Xela umyalezo esiwunikwa ngumbhali ngale ncwadi yakhe/ okanye imfundiso.
- Ungaxela ukuba uyinika amanqaku amangaphi.

Umzekelo wesigxeko-ncomo sencwadi

Alitshoni lingenandaba
K.S.Bongela
Maskew Miller Longman
Year

UThamsanqa Gebe, umQwathi, uneshibhini kwenye yeelokishi zaseMonti. Uthandana noDora ongunobuhle waseMonti kunye noNomathamsanqa oyinesi. Wenzakalisa uNomathamsanqa kuze kufuneke ukuba athabathe isigqibo sokutshatha kwangelo thuba. Isigqibo asithabathileyo asamkelekanga ngokufanayo kwezi ntokazi zimbini. UThamsanqa ukwasebenza kwiifem ngeefem zeli laseMonti ze ahlangane neendidi ngeendidi zeengxaki zokuphangela kufuneke ukuba azikhuphe kuzo ngeendlela ezingasoloko zamkelekile kuwonkewonke. Ishishini lakhe liyabhanga emva kokuba etshatile kuze kufuneke nalapho athathe izigqibo ezilumezayo.

Abantu abatsha bangayonwabela kakhulu le ncwadi kuba nangona zilusizi nje ezinye izinto ezenzekayo ziyafundisa. Umbhali wale ncwadi ubakhe ngendlela eyenza ukuba elowo nalowo abe nomchasi wakhe, umzekelo uThamsanqa noRubin, uDora noNomathamsanqa. Umlinganiswa ngamnye kulo mbhali unento ayimeleyo. Bakhiwe kakuhle aba balinganiswa kuba akukho namnye ongucalanye ngokokude akruqule. Abalinganiswa bathunywe ngumbhali ukuze babonise iindlela –ndlela zokusukuzana kwabantu abatsha, amabhinqa odwa ngezawo, amadoda odwa ngezawo kwakunye noluchwe lweentombi nabafana. Mamela apha ke khe ndikurhabulise, “Nonsense! Uyabona Thamsanqa, ungabe uphinde undithethele imfitshimfitshi maarn. Andithanga nqa kukuhlala apha. Ngubani lo umenya ngaye phakathi kwabantu? Uyakwazi ukuzibona ububhetele ngam? Le nto ndayichola inamaxolo entanyeni…”
Enye into evezwa yile ncwadi ziindidi zobusela ezenziwa emsebenzini, umthetho nezazela zithatha indawo.

Umzekelo – Icatshulwe kwincwadi: Iselwa Lesizwe: Grade 9 Ibhalwe Ngu: Njaba Xoliswa (New *Africa Books*)

### 4.1.5 IBROWUTSHA

Iimpawu

Amagama aqulethe umyalezo abhalwa ngemibala eyahlukileyo nefonti egxininisayo.

- Mayitsale umdla kubathengi.
- Mayiwugcine umdla ewutsalileyo.
- Mayidale umnqweno wokuba nayo le nto kulowo ibhalelwe yena.
- Mayenze ukuba umthengi lowo makancame konke athenge le.
- Qaphela indlela obeka ngayo amagama ukutsala umdla.
- Qiniseka ukuba itsala abo bantu yenzelwe bona.
- Imifanekiso ntelekelelo mayisetyenziswe nakanjani (weliso, wendlebe-iitships ezityiwayo - iindidi zemfano-zandi ezisetyenziswayo ukwenza oku).
- Imile njani, iindidi neesayizi zefonti ezenzelwe ukucela injezu kwakunye nokunamathela kweliso.
- Mawucace umoya womthengisi ngakubathengi.
- Indlela okhetha ngayo imibala.
- Ulwimi olusetyenziswayo (izaci, amaqhalo, izichazi, izimelabizo, izibanjalo-yeyakho - nguwe wedwa).
- Ukukwazi ukwenza ipropaganda ngendlela eyiyo - Nguwe wedwa ongekayithengi.” Bonke abafazi bakhetha le njl.
- Yiba nomfanekiso wayo ihleli kwiqokobhe layo.

Umzekelo webrowutsha

| | | | |
|---|---|---|---|
| KWABOBO<br><br>*Ikhaya leentombi ezingafuni kukhulelwa zisencinane*<br><br>• **Ulwazi neengcebiso**<br>• **Iindlela zokunqanda ukukhulelwa**<br>• **Iinkcukacha zoqhagamshelwa no ezingaluncedo**<br><br>**Umfanekiso** | ULWAZI NEENGCEBISO<br><br>Ingcaciso ngeqela leendlela zokuthintela ukukhulelwa inikwa abantu ukuze babe nokwenza izigqibo ezifanelekileyo ngokuxhomekeke kwiingxaki abakhe banazo nokuxilongwa kwemizimba yabo.<br>Ukuba kuthe kwabhaqwa isifo esingumvuka wokwabelana ngesondo ngendlela engakhuselekanga, eso sifo siya kunyangwa ngamayeza afumaneka kwikliniki okanye umntu lowo angathunyelwa kwikliniki eyodwa ejongene naloo mcimbi, ngokuthi anikwe incwadi yembalelwano ukuba ayinikezele kweso sibhedlele athunyelwa kuso.<br><br>Yakuba ityunjiwe loo ndlela ithile yokuthintela ukukhulelwa, lowo ubandakanyekayo uya kusoloko ekhangelwa ukuba akabi nazingxaki ngenxa yokusetyenziswa. | *IINDLELA ZOKUNQANDA UKUKHULELWA*<br><br>Amachiza othintelo kukhulelwa asetyenziswa ngabasetyhini:<br>Iipilisi zifumaneka kwzingxotyana ezinamashumi amabini anesibhozo eepilisi ekufuneka zithatyathwe kanye ngosuku ngexesha elifanayo<br><br>Inaliti ethintela ukukhulelwa esetyenziswa ngabasetyhini:<br>Kukho iintlobo ezimbini:<br>*I-Nur-Isterate*<br><br>Isixhobo Esifakwa Ngaphakathi Esibelekweni (iIUD) I-IUD sisixhobo esincinane esifakwa esizalweni sowasetyhini, nesifakwa ngumsebenzi wezempilo oqeqeshelwe loo msebenzi. | KWABOBO<br><br>Idilesi:<br>16 Nogesi stalato<br>Braelyn<br>Cape Town<br><br>Iinombolo zomnxeba<br>021 454 3721- emini<br>022 3456729 - emva komsebenzi |

## 5. IMIHLATHI EMIFUTSHANE

Iintlobo zeetekisi ekulindeleke ukuba abalingwa bazibhale:

### 5.1 UNGENISO KWIDAYARI

Wonke umntu uneminqweno anga angayifezekisa. Enye yeendleko okuqinisekisa ukuba iminqweno yethu ayibhangi ilibaleke, kukuyibhala kwidayari.

Iimpawu zayo

- IBHALWA NGUMNTU WOKUQALA kuba umbhali wedayari ubhala ngeemeko zakhe. Ngoku kusetyenzizwa izakhi oo “ndi”.
- Umhla nexesha lokubhala libalulekile nangakumbi.

Qaphela:

- Idayari imalunga nendlela ovakalelwa ngayo zizinto ezenzekayo.
- Izinto oza kuzenza nozenzileyo.
- Xa ubhala usebenzisa isivumelanisi somntu wokuqala u “ndi” kuba ubhala ngawe.
- Akunyanzelekanga ukuba iimihla yakho ilandelelane.
- Unakho ukusebenzisa ulwimi lwemihla-ngemihla.
- Ungasebenzisi olundilisekileyo/olusemthethweni kuphela.
- Yenza ke ungeniso kwidayari yakho, uchaze ezi zinto zilandelayo:
- Ikhondo onqwenela ukulilandela.
- Izinto ocinga ukuba unokuzenza.
- Izinto ocinga ukuzeyisa.
- Izinto ezibalulekileyo kuwe ebomini.
- Ulwazi onalo olunokuba luncedo kubaqeshi bakho.
- Izinto onokuzenza ukuziqhelanisa nomsebenzi.

Umzekelo wongeniso kwidayari

| |
|---|
| 26 eyoKwindla 2008 20h12<br><br>Ndigqiba kufumana isms evela kuNomsa endixelela ukuba ndiza kuwelwa ngumqa esandleni ndifumane ibhasari ekudala ndiyifuna yokufunda izifundo zeIT kwiDyunivesithi endithanda ukufunda kuyo. Konke oku uthi ukuve ngoBhuti wakhe osebenzela inkampani yeIT yakwaNdunge. Kodwa ndingathini ikhe ndayifumana? Ndingafundela ukuzaphula. Phofu mandilinde nje ungomso ndifumane iindaba zam. Hayi kodwa mandilinde ngokufundela uvavanyo lwam lwangomso. Kuselithuba onke la manqaku ndiwafunayo ukuze ndiphumelele ndinganawo xa nje ndinokuyicwangcisa kakuhle indlela endisebenzisa ngayo ixesha. Kuthiwa ii-ofisi ezinceda koku zikhona kwisebe lezeMfundo kwisithili sam. Ngomso ndiya khona ndakugqiba ukubhala olu vavanyo |

Omnye umzekelo weDayari

JUNI /EYESILIMELA 2009

IZINTO ENDIZA KUZENZA
10 Mvulo: Ndiya kwithala leencwadi ukuphuma kwesikolo.
12 Lwesithathu: Ndiyakubukela ibhola ekhatywayo.
14 Lwesihlanu: Ndiya eSinema ukuya kubukela umboniso bhanya-bhanya.

IZINTO EZIYE ZANDONWABISA
18 Lwesibini:Ndiye ndonwabela usuku lokuzalwa lomhlobo wam.
20 Lwesine:Ndiye ndakhutshwa ngumama wam nabantwana basekhaya saya edolophini sathengelwa iimpahla.

IZINTO EZIYE ZANDIPHATHA KAKUBI
21 Lwesihlanu: Ndiye ndabukela umntwana wesikolo egilwa yimoto.
23 Cawa: Ndiye ndangxoliswa kabuhlungu ngutata wam ngenxa okonqena ukuya eCaweni.

## 5.2 UKUBHALWA KWEFLAYA

Nazi izinto ezibalulekileyo emaziqulathwe yiFlaya:

- Igama leshishini.
- Inombolo yesitalato ekushishinwa ngazo.
- Amaxabiso ezin to ekushishinwa ngazo.
- Amaxesha omsebenzi.
- Imifanekiso yezinto ekushishinwa ngazo.
- Inombolo zomnxeba – owasesinqeni noweshishini ngqo

Umzekelo weflaya

*ZAMAZAMA CLOTHING SHOP*

15 NOJOLI STREET /15 NOJOLI STALATO /NOJOLI STRAAT 15
SOMERSET EAST

Tel: 041-243371
Fax: 041-242271
Imfonomfono: 079 2346 709

Amaxesha omsebenzi: Mvulo-Lwesihlanu: 08:00-17:00
Mgqibelo: 07:30-13:00

| | |
|---|---|
| IZIHLANGU: | IXABISO LIQALA R99,00 |
| IIJEZI: | IXABISO LIQALA R50,00 |
| IIBHULUKHWE ZOOSISI : | ZIQALA R 79,00 |
| IIHEMPE ZOOTATA : | ZIQALA R 45,00 |
| IZIKIPHA ZABAFANA | ZIQALA R35.00 |
| IIBHATYI ZAMAKRWALA | ZIQALA R125.00 |



## 5.3 UKUBHALWA KWEFEKSI

### Iimpawu

- Igama nedilesi yendawo/yomntu evela kuye.
- Igama nedilesi yendawo /yomntu eya kuye ifekisi.
- Umhla ebhalwe ngawo.
- Inombolo yefekisi yalo mntu iya kuye.
- Inani lamaphepha.
- Umyalezo.

Umzekelo wefeksi

| |
|---|
| UMYALEZO WEFEKSI<br><br>IYA KU: Nandipha Msa<br>IVELA KU: Asanda Vika<br>INOMBOLO YEFEKSI: 040 6084394<br>INOMBOLO YEFOWUNI:040 6084570<br>AMAPHEPHA EWONKE: 01<br>UMHLA: 14 Apreli 2010<br><br>UMYALEZO<br><br>Ucweyo lotitshala lephepha kesithathu luyakuba ngomhla weshumi kwinyanga kaMeyi kunyaka 2010 Eholweni yedolophu eQonce ngentsimbi yeshumi kusasa.<br><br>Asanda Msa<br><br>SAYINA: *Asanda Msa* |

## 5.4 UKUBHALWA KWE-IMEYILE

### Iimpawu

- Igama nedilesi ye-imeyile yalowo/ abo ubathumelelayo, umzekelo: siso@uvelo.co.za/nana@gmail.com.
- Abanye abantu ekuthunyelwa kubo xa kuyimfuneko,.umzekelo
- Isihloko somyalezo. Abantwana bengonyama abalahlekileyo
- Isibuliso: Umzekelo ,Mnu Ngonyama
- Umyalezo
  Ndivuye kakhulu ukufumana eli thuba lokuba ndikuxelele ukuba abantwana bakho batyiwe nguDyaki lo umthembe kakhulu. Yena uMfene nyhani akakhange enze nto koko uDyaki uthathe uMfene wamfundisa ingoma ethi nguye otye abantwana bakho.

Ndithe mandibhale le migca ngoko nangoko kuba le nto iza kukwenzela ubutshaba obunzima nesi sizwe sakwaMfene. Uyasazi ke wena indzondo yaso.

Ungandiphathi apho kuDyaki kodwa xa ufuna olunye ulwazi malunga nalo mcimbi undibhalele kule dilesi yam.

Isiphelo

Enkosi Ngonyana ngeli thutyana undinike lona. Ndiyabulela.
Ndim
Ngenene
Mvundlana

Umzekelo weimeyili

| |
|---|
| UMYALEZO OTHUNYELWA NGE-IMEYILE<br>IVELA KU:siso@uvelo.co.za<br>IYA KU: nana@gmail.com<br>ABANYE ABANTU ETHUNYELWA KUBO (CC): senzo.memani@yahoo.com; zamzam@eyakho.co.za<br>ISIHLOKO: Intlanganiso yabacebisi bezifundo kwiSebe lezeMfundo<br>UMYALEZO:<br>Bacebisi besiXhosa kwizithili zonke zePhondo<br>Oku kukukhumbuza ngentlanganiso yesiqingatha sonyaka enkcukacha zayo zimi ngolu hlobo.<br>UMHLA: 17 ukuya kwi 18 Juni 2009<br>INDAWO: Mphekweni Beach Resort<br>IXESHA LOKUQALA: Intsimbi yeshumi entloko<br><br>Enkosi<br>Tholelegqwirha Mangaliso |

## 5.5 ISIBHENGEZO SENTENGISO

Iimpawu

- Isihloko sesibhengezo masibe sesitsala umdla kusetyenziswa amagama akhethiweyo.
- Isayizi yefonti mayahluke, ibhalwe ngokugqamileyo.
- Inkcukacha ezifunekayo mazibhalwe ngokucacileyo.
- Masibhalwe ngendlela engazukuchaphazela amalungelo ngokobuhlanga, isini nokukhubazeka.
- Intengisa isasaza ulwazi ngento ethile ngendlela eya kwenza abathengi bayithenge loo nto ithengiswayo.
- Intengiso mayinike umdla.
- Mayikuchaze okuchengiswayo.
- Mayimbonise umthengi ukuba akanakuphila ngaphandle kwale nto ithengiswayo.

- Mayibe nabantu ejolise kubo.
- Mayichaze ixabiso, apho ifumaneka khona neenombolo zonxibelelwano.
- Mayibhalwe ngendlela eza kuba lula ukuyifaka engqondweni.

Umzekelo wentengiso ebhaliweyo

ISISULU! ISISULU!! ISISULU!!!

Sihleli sodwa

Iimpahla ziyalahlwa – zitapele kwimpahla yexabiso ngemalana engephi.

Ngxama okanye uya kuqabuka sekophulwe

Koshiywana ngotyefezo:

Nini?

NgoMgqibelo wama-23-30 Epreli 2009 xa iimpahla zisekho.

Phi?

KwaNothenga Stores eQonce

Amaxabiso athotywe ngama50%

Ezamadoda: Iibhulukhwe, iijezi, izihlangu neehempe.

Abafazi: Izishweshwe, iidyasi, izihlangu iijezi neelokhwe.

Abantwana: Izihlangu zesikolo, iibhulukhwe ezingwevu nezimnyama, iihempe ezimhlophe, iijezi izihlangu kunye neminqwazi yewulu.

*Abakhwetha:* Iingubo ezimhlophe, ezibomvu neeragi

*Kukho nebhaso kubantu abathenge ngaphezu kweR1000. Yiza uzibonele, yiza uzithathele ngokwakho.*

Omnye umzekelo wentengiso ebhaliweyo

BAFANA BAFANA BOOKSTORE

Iincwadi ZONKE zesiXhosa!!! Khawuleza isisulu siyaphela!!!

NOVELI!!! DRAMA!!! AMABALI AMAFUTSHANE!!! ISIHOBE!!!

Ababhali ngooMpondo-zihlanjiwe!! Ingqanga-ngqanga zentetho yesiXhosa.

WALALA WASALA!!! EVUKA'MVA… YEHA-A-A-A!!!

Thenga iincwadi ezilishumi, unikwa incwadi ibe nye mahala.

Xa uthenge isixa uzuselwa mahala!

5.6 IPOWUSTA

- Okubhaliweyo makucace.
- Qaphela ukuba ujolise koobani ngale powusta.
- Makunike umdla okubhaliweyo.
- Iinkcukacha mazivelelwe zonke.

Umzekelo wepowusta

MZANTSI FOSHO

WAMKELEKILE KWILIZWE LEENTLANGA NGEENTLANGA

Gxoth'ikat'eziko ngokuba ngumkhokeli wabakhenkethi!

Ngomso sikhab'ibhola, indebe ka-2010 isemnyango!

Khasa! Ugaqe!! Uhambe-e-e-e!!

Uyakwazi ukuthetha ezi lwimi: isiNgesi, isiFrentshi, isiJamani nesiPhuthukezi

Ungabi naxhala lukhona uqeqesho.

LO MSEBENZI NGOWAKHO! KHAWULEZA

YIZA EKONENI YEBREE STREET NEVANDER WALT EGOLI UFUNE USITHEMBELE UMAZI WAZO

## 5.7 IKHADI LESIMEMO

Qaphela:

- Isimemo sithunyelwa ngenjongo yokumemela umntu othile kwitheko okanye umcimbi othile.
- Isakhono nobuchule bokuyila buyafuneka ukuze umsebenzi okanye itheko ibe lelilodwa nelinika lowo umenywayo isizathu sokuzimasa umcimbi lowo.
- Ulwazi oluquphayo nolucacileyo makunikwe lona.
- Nini - umhla nexesha.
- Phi - idilesi.
- Isinxibo – esindilisekileyo njl. njl.
- Umhla wempendulo.
- Indlela yokunxibelelana- imfonomfono, unomyayi, ifeksi okanye i-imeyile.

Umzekelo

*UMnu noNkosikazi Mavuma*
*banovuyo lokumema*
*uMnu noNkosikazi Ziyashiywa*
*kwitheko lokuvuyisana nentombi yabo*
*uZine Mavuma*
*ophumelele izifundo zobugqirha kwicandelo leRheumatology kwiDyunivesithi yaseMntla.*

*Indawo : eMoth Hall kwisixeko sakuKomani*
*Umhla* : Ngomhla we-23 kweyeNkanga 2009
*Sovuyiswa bubukho benu*
*Impendulo ithunyelwa ku:*
*Sive Mavuma phambi komhla we 10 KweyeNkanga*
*Idilesi :P.O. Box 234,Komani*
*Inombolo yomnxeba: 084 734 2341*



## 5.8 UKUKHOMBISA INDLELA

Iimpawu

- Apha sinika imiyalelo malunga nendlela elula emayithathwe ngulowo walathiswayo.
- Cacisa indawo asukela kuyo (umzekelo ukuhla kwakho kwitekisi erenkini)
- Cacisa icala amakaye ngakulo ekhohlo, ekunene.
- Imiyalelo yakho yinike ngendlela elandelelana ngayo ukuze ifezekiseke lula
- Xela umgama oza kuhanjwa.
- Xela ukuba uza kuhamba ngohola wendlela, isitalato, igama laso, izinto aza kuhlangana nazo, ibhulorho anqumla kuzo njalo njalo.
- Kubaluleke kakhulu ukucacisa inani lezitalato eziza kunqunyulwa kwakunye namagama azo.
- Izihlomelo ezisetyenziswayo – ezendawo.

Umzekelo: Ukukhombisa indlela

**Indlela eya opho kuthengiswa khona iigusha zakwaNokhontyolo**

- Ukuhla kwakho eteksini erenkini uze uphose amehlo ngaphesheya kwesitalato, uza kubona ivenkile yakwaSpargs.
- Landela amehlo lawo akho ngeenyawo. Uya kuhlangana nesitalato esinguhola.
- Thatha esi sandla sakho sasekhohlo.Uya kuhamba iinyawo ezilishumi kuphela, uhlangane nebhulorho unqumle.
- Kwakhona kwisandla sakho sasekhohlo uza kubona iimpahla ezithengiswayo apho ungazihoyi udlule.
- Phosa amehlo kwakhona ngaphesheya uya kubona umbhalo othe “KwaGqirha Zaputi” naye ngowaseNijeriya.
- Dlula nje le sejari yalo gqirha. Ngaphaya kwayo kuya kube kukho iinqwelo ezilayishe iigusha. Yazi ke ukuba zezi gusha zakwaNokhontyolo. Zintle, zityetyisiwe, uya kuzikhethela apho ke onokuhlinzeka ngayo unyana wakho obelahlekile. Ngxatsho ke mfo wethu

## 5.9 IMIYALELO

Iimpawu

- Apha unikwa ithuba lokunika imiyalelo malunga nento ethile ekufuneka yenziwe ngulowo uyalelayo.
- Imiyalelo yakho mayicace.
- Usebenzisa isiyaleli- ubukhulu becala imi evumayo.
- Ungayisebenzisa imo elandulayo kodwa hayi kakhulu.
- Mawucace gca umyalelo.

Umzekelo: Yalela abantu ngendlela yokuxhela inkuku

- Yibambe apha entloko uze unyathele iinyawo ezi zayo ukuze ingagqushalazi
- Yolula intamo le ivele kakuhle.
- Imela yakho mayilungelelane nelungu lokuqala lentamo yale nkuku.
- Sika ngebhozo elibukkhali lide litsaze igazi
- Sika kude kwahlukane intloko le kwakunye nobuqu benkuku.
- Yicinezele ngeli xa igqushalazayo ukuze ingakutshizi ngegazi
- Linda ide ithomalale intshukumo.
- Ungayithatha ke ngoku uyifake kwisitya sakho oza kuyixhwithela kuso yakube ifile.

Omnye umzekelo wemiyalelo: Iphepha lesibini

ELI PHEPHA LINEMIBUZO ELISHUMI

ICANDELO A

Umbuzo woku-1 nowe- 2 ibuzwe kwimibongo engafundiswanga. Khetha ube MNYE kuPHELA

Umbuzo wesi-3 ukuya kowesi-6 yimibongo efundisiweyo.Khetha ube MNYE phakathi kowesi-
nowesi-5

Ubuye ukhethe ube MNYE phakathi kowesi- 4 nowesi-6

0IYONKE IMIBUZO OYIPHENDULA KWELI CANDELO MITHATHU

| Umbongo ongafundiswanga | | | Imibongo efundisiweyo<br>Phendula imibuzo emibini kuphela omde nomfutshane | | |
|---|---|---|---|---|---|
| Khetha ube-1 kule | | Khetha ube-1 kule | | Khetha ube-1 kule | |
| 1 | 2 | 3 | 4 | 5 | 6 |
| 1 | 2 | 3 | 4 | 5 | 6 |
| 1 | 2 | 3 | 4 | 5 | 6 |

ICANDELO B: INOVELI

Phendula umbuzo wesi-7 okanye umbuzo wesi-8

Ukuba ukhethe umbuzo wesi-7 apha phendula umbuzo we-10 kwiCandelo C

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo wesi-9 okanye umbuzo we-10

Ukuba ukhethe umbuzo wesi-9 apha qiniseka ukuba ubuphendule umbuzo wesi-8 kwicandelo B

IYONKE IMIBUZO OYIPHENDULEYO MIHLANU

## 5.10 UKUZALISA IFOMU

### Umzekelo wokuzaliswa kwefomu

IIMOTO ZAKWASOPHAKAMA NGOKUNCEDANA

| | |
|---|---|
| IFANI: | Ntoni |
| AMAGAMA: | Asive |
| UBUDALA: | 13 iminyaka |
| IDILESI YEKHAYA: | 1756 Jwara Street<br>Protea North<br>1815 |
| IDILESI YEPOSI: | PO Box 234<br>Protea North<br>Ikhowudi:1815 |
| ISIKOLO AFUNDA KUSO UMNTWANA: | Sekanontoane Secondary |
| IBANGA: | 8 |
| IXESHA LOKUNGENA KWESIKOLO: | 07H30 |
| IXESHA LOKUPHUMA KWESIKOLO: | 5H00 |
| IGAMA LOMZALI: | Mnumzana Sipho Ndala |

UKUFUNGA:

Mna Mnumzana Sipho Ndala ndiyavuma ukuba intombi yam egama linguAsive Ntoni akhweliswe yimoto yakho yonke imihla. Ndiyavuma nokuba ndiza kubhatala imali engangama-R400 ngenyanga, ngaphandle kukaDisemba.

Isandla somzali: Sipho Ndala    Umhla: 10 Janyuwari 2009

Omnye umzekelo

- Apha umfundi ulindeleke ukuba abhale amagama alinani elixeliweyo
- Azalise ngokweemfuno zefomu leyo. Landela imiyalelo ufundisise iimfuno zayo.
- Le ingezantsi yeyokutyumba umntu kwisikhundla esithile uze inike iinkcukacha zaloo mntu.
- Nika izizathu ezibangela ukuba ucinge ukuba lowo umtyumbayo nguyena

IFOMU YOKUTYUMBA

1. IINKCUKACHA ZOMTYUMBI:

| | |
|---|---|
| 1.1 | Igama nefani: Nomsa Geqeza |
| 1.2 | Iinkcukacha zoqhagamshelwano |
| 1.2.1 | Idilesi: P.O Box 1850 Dutywa 5000 |
| 1.2.3 | Inombolo zemfonomfono: 040 6084570 |
| 1..2.4 | Idilesi ye-imeyile: ngeqeza@gmail.com |

2. IINKCUKACHA ZOMTYUNJWA

| | |
|---|---|
| 2.1 | Mnu/Nksk/Nksz |
| 2.2 | Iinkcukacha zoqhagamshelwano |
| 2.2.1 | Idilesi: 518 Charlotte Street Sakwe Park Dutywa 5000 |
| 2..2.2 | Inombolo zemfonomfono:0474 891212 |
| 2.2.3 | Idilesi ye-imeyile: nmene@yahoo.com |

3.IINKCUKACHA ZABANTU ABANOKUNIKA UBUNGQINA NGOMTYUNJWA
Mnu T.T.Nazo (Umlawuli Owongamele Imviwo Nokuhlola)
Inombolo zemfonomfono :0474 891920

4. IZIZATHU ZOKUTYUMBA LOWO UTYUNJWAYO KWAKUNYE NENKXASO ALUNGA
NESIZATHU NGASINYE.

4.1 Iimpawu namava obunkokheli
4.2 IImpawu namava ekubeni ngumzekelo omhle kwabanye
4.3 Ukuthatha inxaxheba kumaqumrhu abafundi okuzonwabisa ezikolweni
4.4 Amava okuthatha inxaxheba kwizinto ezichaphazela uluntu ekuhlaleni
4. Abatyumbi bangafonelwa ukuze banike ingcaciso kwimiba engalicacelanga eli qumrhu.

Izicelo zokutyumba zivalwa ngomhla we-25 kweyeNkanga 2009.

5. INTSAYINO GAMA YOMTYUMBI

______________________________________________

6. UMHLA WOKUTYUMBA